Wes-Kaap Onderwysdepartement • ISebe leMfundo leNtshona Koloni

# Jaarlikse Prestasieplan

## 2010/11 – 2012/13

# Annual Performance Plan

## 2010/11 – 2012/13

# IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka

## 2010/11 – 2012/13

Date of tabling: 1 March 2010

WES-KAAP WESTERN CAPE INTSHONA KOLONI

WESTERN CAPE
Education Department
Provincial Government of the Western Cape

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nasekutolikeni olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka siyinxalenye yesicwangciso esenziwe ngobuchule seminyaka emihlanu neNkcazo yeNjongo eCwangciswe ngoBuchule yeSebe iWCED. Olu xwebhu luqulunqwe ngokwethemplethi yecandelo likanondyebo kazwelonke. Kubekho imvumelwano kuzwelonke phakathi kukaNondyebo kaZwelonke neSebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education*) yokuba intsebenzo engeyiyo eyezemali kufanele ifakwe njengeseti yeethemplethi "zecandelo lezemfundo".

Inkxaso-mali kwezemfundo yahlulwe ngokweeprogram eziyi-8. Iprogram nganye ichazwa ngokweeprogram ezisekelayo zikazwelonke ezidweliswe ekuqaleni kweprogram nganye.

IiTheyibhile zeenkcukacha-manani zikaZwelonke (*Nationally-defined Statistical Tables (ST)* zifakwe iinombolo ngokweprogram efanelekileyo. Itheyibhile nganye yeST inesethi yezalathi-mpawu zezemali (*financial indicators*) ezilandelwa luthotho lwezintlu zedatha enezihloko ezibhalwe *"Iinkcukacha-manani zoBuchule "Efficiency Statistics".* Le datha inika ingcaciso yokuxhasa izicwangciso zikazwelonke, ukubeka esweni novavanyo nokunika imilinganiselo engumzekelo (*benchmark)*

*Idatha ejolise ngqo kokuthile ichazwa qho ngekota.*

Kunikwe nezo zinto ziphambili ekunyuseni kakhulu iindleko kwezemfundo, ekuzezi, ootitshala, abafundi neziseko zophuhliso nokulungiswa kweemeko zokungalingani kwangaphambili. Kwiprogram nganye kudweliswe amanani ootitshala nabasebenzi abangezotitshala kwakunye namanani obhaliso *(enrolment numbers*). KwiCandelo A iinkcukacha-manani zezecandelo lilonke kwaye zahlula-hluliwe isethana *(subset)* nganye o.k.t. UNdlunkulu (obandakanya izithili zemfundo), zonke izikolo, eziziPrayimari, eziziSekondari, eziZimeleyo, iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa, iiKholeji zeFET, iMfundo yaBadala, uPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo neeNkonzo eziNcedisayo.

Kukho iqela leeNjongo eziCwangciswe ngoBuchule ezichazwe kwisiCwangciso soBuchule. Ezi njongo ziboniswa kwisiCwangciso seNtsebenzo yoNyaka ngeZalathi-ntsebenzo zeeProgram. Ezi zizalathi zephondo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa zifumaneka kwiziko lewebhu leWCED: http://wced.pgwc.gov.za kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

3. IsiHlomelo:

Iikopi "zesi-Hlomelo E" zifumaneka apha: http://wced.pgwc.gov.za kwaye zikwafumaneka nakwi-*Cape Gateway* kule dilesi: http://www.capegateway.gov.za/

*PR Number:* 59/2010
*ISBN Number:* 978-0-621-39169-5
*Ukufumana iikopi ezizezinye zolu xwebhu kucelwa uqhaganshelane:*
*Head Education,*
*Private Bag X9114,*
*Cape Town, 8000.*
*Ifoni: 021 467 2531*
*Ifeksi:: 021 461 3694*
*I-imeyili: media1@pgwc.gov.za*
*Olu xwebhu luya kufumaneka xa luceliwe ngesi-Afrikansi nangesiNgesi ngowe- 31 Matshi 2010.*

## Imbulambethe



Donald Grant, Umphathiswa Wemfundo, ISebe leMfundo leNtshona Koloni

URhulumente waseNtshona Koloni uya kuphucula amathuba okuphila abo bonke abantwana bakhe ngokuthi ababonelele ngemfundo esemgangathweni. Ngenxa yoku, bonke abantwana baya kuqhubeka befunda esikolweni ithuba elide kangangoko oku kunokwenzeka yaye bazuze ezona ziphumo zingcono. Eyona nto kuza kugxininiswa kuyo ngakumbi kwithuba 2010 - 2019 iya kuba kukuphucula lwazi lwabafundi lokufunda, ukubhala nokubala. Ngeli thuba 2010 - 2014 abantwana beli phondo baya kuvuna iziqhamo zenkqubo esele yenzelwe ukuphumeza nelawulwa ngohlobo lokuba iphumeze iithagethi ezibekiweyo.

Izalathi-mpawu eziphambili zokulinganiswa kwenkqubela eyenziwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department*) (iSebe iWCED) ekuboneleleleni ngemfundo esemgangathweni ziya kuthi ngaloo ndlela i) ziphucule ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kumaBakala 1-6 zize ii) zandise amanani okupasa kwiBakala 12 – kubandakanywa ukwanda kwamanani abo bapasa imathematika nesayensi baze bakufanele ukwamkelwa kwisidanga sokuQala.

Ukwenzela ukuxhasa uthatho-nxaxheba nempumelelo yabafundi, uRhulumente waseNtshona uya kubonelela: ngamagosa anenkathalo, anolwazi nazilungiselele ukunika inkxaso ezikolweni, ootitshala nabafundi; ootitshala ababakho esikolweni mihla le, abazilungiseleleyo nabasebenzisa iincwadi ezibhaliweyo (*texts*); imali eyabelwa ukwandisa kakhulu impumelelo; izikolo ezaneleyo nezikhuselekileyo nendawo ekhuthazayo kwabo sibambisene nabo emfundweni ukwenzela ukuba bafake igalelo elijolise kwimfundo esemgangathweni: imibutho yootitshala, amaBhunga oLawulo eZikolo, amashishini abucala, iMibutho eNgekho Phantsi koRhulumente, izikolo zabucala, iikholeji namaZiko eMfundo ePhakamileyo.

Ngasinye isigqibo esithathwe ngokunxulumene nemfundo eNtshona Koloni siya kusekelwa kwimfuno yokufikelela kwimpumelelo yabafundi kwiziphumo ezicacisiweyo. Kuya kufundiswa ikharityhulam entlantlu-ninzi emva kwemfundo yaseprayimari ukuqinisekisa ukuba abafundi babonelelwa ngamathuba afanelekileyo okuphuhlisa izakhono nolwazi lwabo. Akukho sisombululo sikhawulezileyo ngokubhekiselele ekuphuculeni umgangatho wemfundo ebonelelwa eNtshona Koloni. Oku kwenzeka kuphela nje ngokuthi kulandelwe inkqubo ezinzileyo yethuba elide, ejolise koko kufunwayo nangendlela ecwangciswe ngobuchule neya kwenza sibe nako ukufikelela kwiithagethi ezicacisiweyo.



OneGunya loLawulo lweSebe leMfundo leNtshona Koloni

## Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

## Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka:

- siqulunqwe ngababaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo weSebe leNtshona Koloni
- silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule esikhoyo ngoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhajethi ka-2010/11.



L Ely [IGosa lezeMali eliyiNtloko]



M Harker [IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso]



PA Vinjevold [IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali]



Sivunywe ngulo:



DA Grant [OneGunya loLawulo]

Iziqulatho


ICandelo A: Isishwankathelo sesiCwangciso ........ 1

1. Ucazululo lweemeko eziqhubekayo ........ 1
   1.1 Imeko-bume yokwenziwa kweenkonzo zentsebenzo ........ 1
   1.2 Imeko engqonge isebe ........ 2
   1.3 Uhlaziyo lwemithetho nezinye izigunyaziso *(mandates)* ........ 2
2. Inkcazo ngebhajethi ka-2010/11 noqikelelo lweMTEF ........ 3
   2.1 Uqikelelo lwenkcitho neeTheyibhile zeeNkcukacha-manani zecandelo ........ 3
   2.2 Ukungqinelanisa iimpawu eziboniswa yinkcitho neeNjongo eziCwangciswe ngobuBuchule ........ 7
   2.2.1. INkcazo yesicwangciso ........ 7
   2.2.2. IiNjongo eziCwangciswe ngoBuchule ........ 8
   2.2.3. Ukuyelelisa iBhajethi kwiNjongo *(Intent)* ........ 9

ICandelo B: Izicwangciso zeeprogram neeprogram ezisekelayo ........ 10

3. IProgram 1: Ulawulo ........ 10
   3.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika-2010-2024 ........ 10
   3.2. Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngoBuchule zika-2010/11 ........ 17
   3.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka ........ 18
   3.4 Iithagethi zeKota ........ 20
   3.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF ........ 21
   3.6 Ukungqinelanisa iimpawu eziboniswa yinkcitho neeNjongo eziCwangciswe ngobuBuchule ........ 25
4. IProgram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo ........ 26
   4.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika-2010-2024 ........ 26
   4.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule ........ 27
   4.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka ........ 27
   4.4 Iithagethi zeKota ........ 28
   4.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF ........ 30
   4.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ........ 41
5. IProgram 3: Iinkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo ........ 42
   5.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika-2010-2024 ........ 42
   5.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule ........ 42
   5.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka ........ 42
   5.4 Iithagethi zeKota ........ 42
   5.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF ........ 43
   5.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ........ 45

Icandelo B: Izicwangciso zeeprogram neeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)


6. IProgram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente................................ 46
6.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika- 2010-2024 ................................................ 46
6.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule .................................................. 47
6.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka ................................................... 47
6.4 Iithagethi zeKota ................................................................................................ 47
6.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF .................................................. 49
6.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ......................................................................... 49
7. Iprogram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo................................................................ 50
7.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika- 2010-2024 ................................................ 50
7.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule .................................................. 51
7.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka......................................................... 51
7.4 Iithagethi zeKota ................................................................................................ 51
7.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF .................................................. 52
7.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ......................................................................... 53
8. Iprogram 6: IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo................................................................ 54
8.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika- 2010-2024 ........................................... 54
8.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule ........................................ 54
8.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka ............................................ 54
8.4 Iithagethi zeKota ................................................................................................ 54
8.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF .................................................. 55
8.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ......................................................................... 56
9. Iprogram 7: UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo................................................. 57
9. IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika-2010-2024 .................................................. 57
9.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule .................................................. 58
9.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka......................................................... 59
9.4 Iithagethi zeKota ................................................................................................ 59
9.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF .................................................. 60
9.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ......................................................................... 62
10. IProgram 8: Iinkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo ..................................................... 63
10.1 IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule sika-2010-2024 .............................................. 63
10.2 Iithagethi zonyaka zeeNjongo eziCwangciswe ngobuChule .................................................. 64
10.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka....................................................... 65
10.4 Iithagethi zeKota ................................................................................................ 65
10.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF............................................. 66
10.6 Intsebenzo neeMpawu eziboniswa yinkcitho ..................................................................... 67

ICandelo C: Uqhagamshelwano nezinye izicwangciso ........ 68

11. Uqhagamshelwano neziseko zophuhliso zethuba elide nezinye izicwangciso zemisebenzi yokwakha *(capital plans)* ........ 68
12. Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ........ 72
13. Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (*Public entities)* ........ 72
14. Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala ........ 72

IziHlomelo

15. Imilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram kaZwelonke: Iinkcazo ........ 73
16. Inkcazo yesigama *(Glossary)* ........ 85

Makuqwalaselwe: isiHlomelo E (Izalathi ii-*Technical Indicators* zibonelelwe kwiziko lewebhu e*Cape Gateway*: http://www.capegateway.gov.za/

## ICandelo A: Isishwankathelo sesiCwangciso *(Strategic overview)*

### 1. Ucazululo lweemeko eziqhubekayo

Uninzi lwabantwana bePhondo leNtshona Koloni luyoyisakala kukuphuhlisa iitalente zalo zokuqhuba kakuhle ezifundweni. Oku kubangelwa ikakhulu koku:

1. Ixesha elinganelanga nokungahoyi ukufunda, ukubhala nokubala kumabakala amathathu okuqala esikolo
2. Ukubayeke-yeke kokumelwa kukuphendula ngenxa yokuqhuba kakubi kwabafundi (*poor levels of accountability for performance*) ngamagosa emfundo nootitshala
3. Ulawulo lwezikolo oluyeke-yeke nobunkokeli obukwanjalo (*weak school management and leadership*)
4. Ukuphendula kade ngokuzwabuluka nenkxaso encinane yesebe lemfundo
5. Ukuhla komoya wokuzimisela ukusebenza kootitshala (*low morale of teachers*)
6. Iincwadi zezifundo (textbooks) ezikumgangatho onganelisiyo nezinye izincedisi zokuxhasa ukufunda
7. Izinto ezimbi zasentlalweni ezinjengobuhlwempu nolwaphulo-mithetho
8. Umgangatho oya usihla weziseko zophuhliso (infrastructure) zezikolo
9. Imeko esiyifumene kwabangaphambili yokungafakwa kwemali ngokwaneleyo (*legacy of underinvestment*) kwiinkalo ezininzi kwiPhondo leNtshona Koloni
10. Uxinzelelo olubangelwa luluntu oluhla lusenyuka lusiza eNtshona Koloni

Indibaniselwano yezi meko ikhokelele ekuqhubeni kakubi kwabafundi ezifundweni

- Ireyithi yokupasa kwabafundi beBakala 12 iya isihla. Ngo-2004 ireyithi yokupasa yayingu- 85%, kodwa le reyithi iye isihla kule minyaka mihlanu idlulileyo yaya kutsho ku-75,1% ngo- 2009.
- Iziphumo zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala njengoko ziye zalinganiswa (*as measured*) kubafundi bamaBakala 3 no- 6 zibonisa ukuba abafundi abakwazi kufunda, kubhala nakubala ngokwamanqanaba afanelekileyo kula mabakala kwaye bengenako nokuxhasa ukufunda kumabakala alandelayo.
- Kubafundi abayi- 94 784 ababhalise kwizikolo zikarhulumente eNtshona Koloni ngo-1997, kuphela yi-43 470 efikileyo kwiBakala 12. Kwabo bafundi bathe bahlala esikolweni, kuphela yi-33% eye yakulungela ukwamkelwa kwisiDanga sokuQala.
- Landile inani lezikolo eziqhuba kakubi (izikolo ezinereyithi yokupasa engaphantsi ko-60%) eNtshona Koloni, ukusuka ku-36 ngo-2006 ukuya ku-85 ukuya ekupheleni kuka-2009.

### 1.1 Imeko engqonge ukwenziwa kweenkonzo

Luye lwanda uluntu lwaseNtshona-Koloni lukususela ngobalo lwabantu (cencus) lokugqibela ngo-2001 kwaye basaqhubeka nokukhula. Ngokoqikelelo loluntu lwaphakathi enyakeni ka-2009, olukhutshwe liZiko leeNkcukacha manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) ngomhla we-27 Julayi 2009, iNtshona-Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5,356 yezigidi zabantu, nto leyo emele i-10,9% yabantu baseMzantsi Afrika bebonke. INtshona Koloni inabona bantwana baphila ithuba elide bakuba bezelwe, amakhwenkwe namantombazana.

Ubuhlwempu nolwaphulo-mthetho zinefuthe elibi kakhulu ekufundeni. ISebe iWCED ngokusebenzisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lithi ngaloo ndlela libonelele ngokutya lenze namanye amanyathelo okunciphisa ubuhlwempu, ukuhlangabezana neemfuno zabafundi abahlwempuzekileyo. Kubalulekile ukuba izikolo zikhuseleke ngokuthi kuthathwe amanyathelo okhuseleko lwezakhiwo (*physical safety measures),* intsebenziswano ne*SAPS* ne*Metro Police* nokuthatha inxaxheba kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED kunye namanye amasebe karhulumente no-SAPS baya kufika bengazisanga ngokuza kwabo basetshe benze novavanyo ezikolweni ukukhangela iziyobisi nezixhobo.

## 1.2. Imeko engqonge isebe

Iiprayorithi zesebe ezicwangcise ngobuchule mazithathele ingqalelo iimeko zezentlalo nezoqoqosho zize lihlangabezane neemfuno zabantu elibenzela iinkonzo. Ukongeza, ukuphendula ngempumeleo nangokwenene kwimingeni yokungalingani (*inequality*) namanqanaba asezantsi okuzithemba kumgangatho wemfundo kufuna amanyathelo azizigqibo eziqinisekileyo ngakwicala likarhulumente. ISebe ke ngoko linezicwangciso zokunika ingqwalasela ukuphendula nokusebenza ngempumelelo ngokuthi kigxininise ekuguquleni umoya ogqubayo kwiziko nokuphucula iinkqubo zokwenziwa kowona msebenzi uphambili walo wesebe neesistim zalo. UNdlunkulu nee-Ofisi zeZithili zeSebe iWCED ziza uhlenga-hlengiswa (*structured)*, zilungiselelwe *(designed)* zize zixhotyiswe ukwenzela ukuba zibonelele ngenkonzo yokunika impendulo ekhawulezileyo nenkxaso kwizikolo nakootitshala.

ISebe iWCED, ekulelona lingumqeshi omkhulu kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, lenziwa yi-Ofisi yeMfundo yePhondo ekhokelwa nguMphathiswa wePhondo eNtshona Koloni, i-ofisi kandlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili zemfundo kunye namaziko emfundo, abandakanya izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko oluntu emfundo yabadala namaziko ophuhliso lwabantwana abasaqalayo (*ii-ECD sites*).

## 1.3. Uhlaziyo lwemithetho nezinye izigunyaziso

Izigunyaziso ezibonelelwe kwisiCwangciso soBuchule zezangoku.

## 2. Isishwankathelo sebhajethi ka-2010/11 noQikelelo *(estimates)* lweMTEF

### 2.1 Uqikelelo lwenkcitho neeTheyibhile zeeNkcukacha-manani zecandelo

| ST001 | ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO-Iimpawu eziphambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2007/08 Eyiyo kanye | 2008/09 Eyiyo kanye | 2009/10 Eqikelelweyo | 2010/11 Eqikelelweyo | 2011/12 Eqikelelweyo | 2012/13 Eqikelelweyo |
| INGENISO (*REVENUE)* (R'000) | | | | | | |
| Isixa esabiwe ngoBulungisa (*Equitable share)* | 7,387,687 | 8,782,197 | 10,236,557 | 10,921,026 | 11,756,933 | 12,402,875 |
| Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango | 271,718 | 282,736 | 302,764 | 893,572 | 1,043,296 | 1,129,784 |
| Inkxaso-mali yeZipho-mali (*Donor Funding)* | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 |
| Uvimba wee-asethi zemali *(Asset Finance Reserve)* | 47,000 | 105,000 | 100,800 | 8,219 | | |
| Ingeniso yeSebe *(Own revenue)* | 31,392 | 22,545 | 23,691 | 22,874 | 23,025 | 23,025 |
| Itotali | 7,737,797 | 9,192,478 | 10,663,812 | 11,845,691 | 12,823,254 | 13,555,685 |
| Iintlawulo ngeprogram nganye (r'000) | | | | | | |
| 1 Ulawulo | 361,470 | 393,529 | 435,766 | 488,305 | 516,032 | 548,032 |
| 2 Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (makujongwe ukwahlulwa kwazo apha ngezantsi) | 6,221,983 | 7,410,535 | 8,653,075 | 9,538,617 | 10,298,227 | 10,886,552 |
| 3 Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo | 39,713 | 44,119 | 55,907 | 59,709 | 63,888 | 68,041 |
| 4 Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente | 434,325 | 510,390 | 585,798 | 688,112 | 807,069 | 853,529 |
| 5 IMfundo noQeqesho oluQhubelekayo | 317,228 | 367,190 | 362,479 | 446,512 | 474,155 | 497,616 |
| 6 IMfundo noQeqesho lwaBadala | 25,821 | 26,838 | 30,958 | 32,541 | 34,132 | 36,138 |
| 7 UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo *(ECD)* | 142,259 | 228,748 | 305,489 | 342,657 | 363,593 | 384,764 |
| 8 Iinkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo | 194,998 | 211,129 | 234,340 | 249,238 | 266,158 | 281,012 |
| Itotali | 7,737,797 | 9,192,478 | 10,663,812 | 11,845,691 | 12,823,254 | 13,555,684 |

| ST001 | ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO-Iimpawu eziphambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2007/08 Eyiyo kanye | 2008/09 Eyiyo kanye | 2009/10 Eqikelelweyo | 2010/11 Eqikelelweyo | 2011/12 Eqikelelweyo | 2012/13 Eqikelelweyo |
| **Iintlawulo kwimfundo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo** (R'000)* | | | | | | |
| 2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente | 3,503,102 | 4,085,516 | 4,833,915 | 5,414,117 | 5,779,041 | 6,122,361 |
| 2.2 Izikolo eziziisekondari zikaRhulumente | 2,428,511 | 2,874,010 | 3,248,028 | 3,398,495 | 3,700,625 | 3,890,954 |
| **Iintlawulo ngohlelo lwezoqoqosho** (R'000) | | | | | | |
| Intlawulo yangoku | 6,667,613 | 7,908,367 | 9,207,726 | 10,224,505 | 11,110,164 | 11,717,411 |
| Intlawulo yembuyiselo yabaqeshwa | 5,904,035 | 7,089,690 | 8,200,780 | 9,107,962 | 9,794,890 | 10,326,479 |
| Ootitshala | 5,150,845 | 6,262,879 | 6,968,564 | 7,672,125 | 8,255,308 | 8,703,155 |
| Abangezotitshala | 753,190 | 826,811 | 1,232,216 | 1,435,837 | 1,539,582 | 1,623,324 |
| Iimpahla neenkonzo nokunye (*current*) | 763,578 | 818,677 | 1,006,946 | 1,116,543 | 1,315,274 | 1,390,932 |
| Iimali ezihlawulweyo (*transfers*) neenkxaso-mali | 917,516 | 1,077,123 | 1,180,094 | 1,341,180 | 1,406,432 | 1,554,926 |
| Iintlawulo zee-asethi ii-*capital assets* | 152,668 | 206,988 | 275,992 | 280,006 | 306,658 | 283,347 |
| **Itotali** | 7,737,797 | 9,192,478 | 10,663,812 | 11,845,691 | 12,823,254 | 13,555,684 |
| **Iinkcukacha-manani zobuchule** (zamacandelo ngokubanzi) | | | | | | |
| **Ukuqeshwa kwabasebenzi** | | | | | | |
| Inani looTitshala (abaqeshwe ngurhulumente) | 31 462 | 31 401 | 31,581 | 31,696 | 32,000 | 32,500 |
| Inani labaNgezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente) | 9 112 | 8750 | 8,600 | 8,790 | 8,810 | 8,830 |
| **Ubhaliso kwinqanaba elinyanzelekileyo** | | | | | | |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6–15 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 599 890 | 602 646 | 693 000 | 693 500 | 694 000 | 694 500 |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6–15 kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente | 5 732 | 6 143 | 9 200 | 10 483 | 10 782 | 10 877 |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6 –15 kwizikolo ezizimeleyo | 13 370 | 17 046 | 21 000 | 21 500 | 22 000 | 22 000 |
| **Itotali** | 618 992 | 625 835 | 723 200 | 725 483 | 726 782 | 727 377 |

| ST001 | ICANDELO LEMFUNDO YEPHONDO-Iimpawu eziphambili | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2007/08 Eyiyo kanye | 2008/09 Eyiyo kanye | 2009/10 Eqikelelweyo | 2010/11 Eqikelelweyo | 2011/12 Eqikelelweyo | 2012/13 Eqikelelweyo |
| Ubhaliso kwinqanaba elilandela elinyanzelekileyo | | | | | | |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16–18 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 192 343 | 189 474 | 183 000 | 190 500 | 191 000 | 191 500 |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16–18 kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente | 6 935 | 7 772 | 6 700 | 7 027 | 7 228 | 7 428 |
| Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16 –18 kwizikolo ezizimeleyo | 3 884 | 7 047 | 7 000 | 8 000 | 8 500 | 9 000 |
| Abafundi *(Students)* abakwiikholeji zeFET abakubudala be-16-18 | 3 593 | 4 000 | 3 593 | 4 000 | 4 000 | 4 000 |
| ITotali | 206 755 | 208 293 | 200 293 | 209 527 | 210 728 | 211 428 |
| Amanani abemi belizwe | | | | | | |
| Abemi ababudala buyi-6-15 | 704 444 | 704 444 | 717 729 | 725 483 | 726 782 | 727 377 |
| Abemi ababudala buyi-16-18 | 256 755 | 256 755 | 262 603 | 265 000 | 268 000 | 271 000 |

Makuqatshelwe ukuba oku akubandakanyi abafundi abangaphezu kwe-18 ubudala abakwisistim

Ngo-2007/08 kwabalwa amanani abemi ukususela kubudala be-7 ukuya ku–14 iminyaka. Ukususela ku-2009/10 isithuba kwiminyaka yobudala (*interval)* satshintsha ukusuka ku-6 –15 iminyaka yaza itotali yaba ngu--717 729 hayi u-914 227 njengoko kubonakalisiwe kwi-APP ka-2009/10. Amanani ahlala engatshintshanga njengoko engakhutshwa qho.

Ngo-2007/08 kwabalwa amanani abemi ukususela kubudala be-15 ukuya ku-17 iminyaka. Ukususela ku-2009/10 isithuba kwiminyaka yobudala (*interval)* satshintsha ukusuka ku-16 – 18 iminyaka itotali yangu-262,603 hayi u-268 158 njengoko kubonakalisiwe kwi-APP ka-2009/10.

| ST002 | Icandelo lemfundo yephondo – Iireyithi zobhaliso ezimalunga neminyaka yobhaliso (*Age-specific enrolment rates)* (2009) | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente | 2.2 Izikolo eziziisekondari zikarhulumente | 3 Izikolo ezizimeleyo | 4 Izikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa zikarhulumente | Iikholeji zeFET ezi-5 (Ubalo lweziqu) | Amanani abemi belizwe | Ireyithi yobhaliso emalunga neminyaka yobudala |
| Ubudala -6 | 11 507 | 144 | 17 203 | 315 | | | |
| Ubudala -6 | 46 631 | 569 | 4 712 | 235 | | 93 705 | 57.6 |
| Ubudala -7 | 71 428 | 1 111 | 165 | 357 | | 93 264 | 80.5 |
| Ubudala -8 | 75 336 | 1 272 | | 540 | | 92 755 | 85.4 |
| Ubudala -9 | 75 566 | 1 334 | | 665 | | 92 176 | 86.1 |
| Ubudala -10 | 73 603 | 1 332 | | 821 | | 91 440 | 84.9 |
| Ubudala -11 | 71 986 | 1 303 | | 921 | | 90 751 | 83.7 |
| Ubudala -12 | 75 280 | 1 364 | | 1 051 | | 90 297 | 88.2 |
| Ubudala -13 | 72 613 | 4 396 | | 1 225 | | 90 078 | 89.1 |
| Ubudala -14 | 31 814 | 41,825 | | 1 539 | | 90 096 | 85.4 |
| Ubudala -15 | 16 163 | 56 518 | | 2 693 | 96 | 89 665 | 86.2 |
| Ubudala -16 | 5 614 | 63 096 | | 3 051 | 1 087 | 89 078 | 83.8 |
| Ubudala -17 | 2 205 | 61 632 | | 2 520 | 2 410 | 89 162 | 79.2 |
| Ubudala -18 | 756 | 48 342 | | 1 346 | 4 382 | 89 918 | 62.2 |
| Ubudala -18 | 309 | 38 817 | | 414 | 33 895 | | |
| ITotali (Ubudala 6-18) | 618 995 | 284 094 | 4 877 | 16 964 | 7 975 | 1 182 385 | 80.9 |

1. Kuphela ngabantwana abaminyaka iyi-6 kwiZikolo eziQhelekileyo ababandakanyiweyo. Abaminyaka mi-6 kumaziko oLuntu aZimeleyo ababandakanywa 2. Iitotali zezamaqela obudala beminyaka eyi-6-8 kuphela. 3. Iinkcukacha-manani ngokwe-*General Household Survey* ka-2007 4. Umthombo wedatha *(Source):* Isaveyi yeZikolo ka-2009 (Izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente neZikolo ezizimeleyo) 5. Umthombo wedatha (*Source):* Isaveyi yeZikolo yaqho ngonyaka (*LSEN)* 6. UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo: Abafundi kumaziko oluntu

| ST003 | Icandelo lemfundo yephondo – Izibonelelo ezibonelelwa ngemimiselo yolwabiwo-mali kwizithuba zengqesho (2010)) | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| IiProgram: /Iinjongo zezithuba zengqesho | Izithuba zeNqanaba 1 | Izithuba zeNqanaba 2 | Izithuba zeNqanaba 3 | Izithuba zeNqanaba 4 | Itotali |
| Izithuba ekuya kuqalwa ngazo (*topsliced )* | 3,741 | 214 | 453 | 16 | 4,424 |
| Izithuba ezabiwe ngokwemodeli | 20,338 | 4,237 | 1,358 | 1,524 | 27,457 |
| Imfundo yeSikolo sikaRhulumente esiqhelekileyo | 19,029 | 3,979 | 1,281 | 1,452 | 25,741 |
| Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente | 12,131 | 2,395 | 762 | 1,095 | 16,383 |
| Isigaba seSekondari kaRhulumente | 6,898 | 1,584 | 519 | 357 | 9,358 |
| Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente | 1,309 | 258 | 77 | 72 | 1,716 |
| Total | 24,079 | 4,451 | 1,811 | 1,540 | 31,881 |

Ziyi-365 izithuba zengqesho kwi-PL 5 (273 itotali, kwi-PL 6 (ziyi-92 itotali iyonke) ezingabandakanywanga kule theyibhile ingentla.
*Umthombo wedatha (Source): I-Post Provisioning Model 2010*

| ST004 | ICandelo leMfundo yePhondo– Utyalo-mali kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi (2009/10) | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | *Prog 1 Admin* | *Prog 2 POS* | *Prog 3 Indep* | *Prog 4 Spec* | *Prog 5 FET* | *Prog 6 ABET* | *Prog 7 ECD* | Itotali |
| Inkcitho (R 000 ) | | | - | - | - | - | - | |
| Ootitshala abasaqeqeshwayo | 12,700 | 19,500 | - | - | - | - | - | 32,200 |
| Ootitshala | 8,000 | 20,000 | - | - | - | - | - | 28,000 |
| Iiprogram zezakhono | 2,250 | 13,900 | | | | | | 16,150 |
| Uqeqesho lotshintsho lwekharityhulam | 0 | 5,700 | - | - | - | - | - | 5,700 |
| Olunye uqeqesho usemsebenzini | 3,750 | 700 | - | - | - | - | - | 4,450 |
| Uqeqesho kwi-HIV/AIDS | - | 250 | - | - | - | - | - | 250 |
| Abangezotitshala | 5,120 | 1,803 | - | - | - | - | - | 6,293 |
| Makuqatshelwe: Le theyibhile ibonisa inkcitho yeSebe kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi beSebe. Ibandakanya iindleko zootitshala abasaqeqeshwayo abaqeshwe liSebe. Utitshala omnye unokubalwa kabini, ukuba umzekelo utitshala ebekhe wakuqeqesho lwekharityhulam neHIV/AIDS ngalo nyaka uchaphazelekayo. Nakuba kunjalo, amanani kumqolo 'Ootitshala' awabonisi nakuphi na ukubalwa kabini kootitshala. | | | | | | | | |

*Umthombo wedatha (Source): Programme Manager, WCED*

## 2.2 Ukungqinelanisa Iimpawu ezibonisiwa yinkcitho neeNjongo eziCwangciswe ngoBuchule

### 2.2.1 INkcazo ecwangciswe ngobuchule

| INkcazo yesicwangciso |
|---|
| Ukuqinisekisa ukuba iziphumo zokufunda zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ziyaphucuka ngokuthi sise ezona zibonelelo zininzi (ezingabantu nezemali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo. Oku kuya kuhlanganiswa novavanyo olufanayo nolunyanzelekileyo lwabafundi bamaBakala 1 ukuya ku-6 ukususela ku-2010. Kuya kumiselwa iimpawu neethagethi zemilinganiselo kwisikolo ngasinye. |
| Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo ezinamagosa, iinqununu nootitshala abafanele ukuphendula ngendima yabo yokuphucula ukuqhuba kwabafundi kwisikolo ngasinye |
| Ukuphucula ukubanako ukuphendula nobuchule *(responsiveness and efficiency)* kweWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo nesistim zemicimbi yesebe |
| Ukunciphisa umthwalo womsebenzi wolawulo kootitshala ukuze kubonelelwe ngexesha elongeziweyo lokufundisa. Ootitshala baya kubonelelwa ngeencwadi zezifundo *(texts)* ngexesha elifanelekileyo nangamathuba oqeqesho lophuhliso oluqhebekekayo kwimfundo yabo. |
| Ukuqinisekisa ukuba iklasi nganye ineencwadi zokufunda ezininzi *(text-rich)* neencwadi zokufunda ukususela kwiklasi yamaBakala 1-6 neencwadi zezifundo kwisifundo ngasinye kumaBakala 4 ukuya ku-12, nokusetyenziswa kwethekhinoloji ukufundisa ikharityhulam esemgangathweni eklasini. |
| Ukubonelela ngokutya nangamanyathelo angamanye okuphelisa intlupheko nawokhuseleko ukujongana neemfuno zabafundi abangaqhubi kakuhle. |
| Ukuqulunqa uluhlu lweeprayorithi ukulungiselela ukulondolozwa kweziseko zophuhliso nokwenza ezona ndlela zonga iindleko neziyimpumelelo zokulondoloza izikolo. |
| Ukusebenzisa izibonelelo ezingabasebenzi nezemali kwezo zothili nakwezo zikolo zingaphuhlanga ngokufanelekileyo ngokwezemali. |
| Ukucwangcisela ukungena kwabantu eNtshona Koloni kuze kusetyenziswe izinto eziqhubekayo kwezophando *(research trends)* ukuqinisekisa ukuba izikolo nootitshala bayafumaneka ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubantwana abangena kwiphondo. |
| Ukubonelela ngoqeqesho lolawulo ekujoliswe kulo nangenkxaso ngaphakathi ezikolweni kuwo onke amalungu olawulo lwesikolo nee*SGBs*. |

2.2.2. IiNjongo eziCwangcise ngoBuchule:

| | |
|---|---|
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1 | Ukuphuculwa kokuqhuba kwabafundi kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala. |
| Inkcazo yenjongo | Ukuphuculwa koLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala:<br>Abafundi abayi-75% kwiBakala 3 baqhuba ngokommiselo weminyaka yobudala (*age norms*) engagqithanga u-2014 ne-60% eqhuba ngokwemimiselo yeminyaka yobudala kuLwazi lokuBala.<br>Abafundi abayi-65% kwiBakala 6 baqhuba ngokommiselo weminyaka yobudala (age norms) engagqithanga u-2014 ne-50% eqhuba ngokwemimiselo yeminyaka yobudala kuLwazi lokuBala.<br>Abafundi abayi-65% kwiBakala 9 baqhuba ngokommiselo weminyaka yobudala (*age norms)* engagqithanga u-2014 ne-55% eqhuba ngokwemimiselo yeminyaka yobudala kuLwazi lokuBala. |
| Izizathu | Kungokunje yi-53.5 yabafundi beBakala 3 abaqhuba ngokommiselo wobudala/webakala kuLwazi lokuFunda nokuBhala ne-35% kuLwazi lokuBala ne-44% kubafundi beBakala 6 abaqhuba ngokommiselo wobudala/webakala kuLwazi lokuFunda nokuBhala ne-14% kuLwazi lokuBala. Le meko-bume ingamkelekanga ngokucacileyo iyawachaphazela ngokungathanga ngqo amabakala aphezulu. |
| Uqhagamshelwano | Iprogram kazwelonke i*Foundations for Learning Programme;* iilayibrari; amajelo eendaba; iSebe lezeMpilo noPhuhliso lwezeNtlalo urhulumente wengingqi i-AET (*Family Literacy and parent training*); *ne-Social Transformation (Learning Communities and Community Ploughback)* zonke zinganako ukuinika kule njongo. Izikolo zifanele ukuba zezikhuselekileyo nezinezibonelelo ezaneleyo (ezeziseko zophuhliso nezizinto ngezinto/izixhobo). Ootitshala bafanele ukuxhotyiswa ngezakhono. Ubuchule ekucwangciseni ixesha naseklasini, nekharityhulam kuya kuqhuba phambili ukuqhuba kakuhle kwabafundi (*drive maximum performance).* Amaziko emfundo esemva kwematriki aya kubonelela ngoqeqesho lophando nenkxaso. Kuya kuhlangwanwa neemfuno zokufunda zabo bonke abafundi kwaye isiNgesi nezinye iilwimi zasekhaya ziya kuphuhliswa ngamandla. |

| | |
|---|---|
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 2 | IZiphumo ezibhetele zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke |
| Inkcazo yenjongo | Ukubonelela ngoqeqesho lootitshala neeprogram zokunika inkxaso, ngoqeqesho lwabaphathi nokubanika inkxaso, ngamancedo nezibonelelo (*facilities and resources*) zokunceda izikolo nokomeleza intsebenzo yabafundi bazo kuzo zonke izifundo ingakumbi ngokubhekiselele kwiMathematika neFizikhali Sayensi. Iithagethi zika-2014 zezi yireyithi yokuPasa kwiNCS engu-84% apho amanani abafundi abapasileyo angu-43 000 yaye i-37% yabo yamkelwe kwizidanga zokuQala. Amanani abafundi: 17 500 abapasileyo, apho ekuthi i-17 000 ipase iMathematika ize i-13 500 ipase iFizikhali Sayensi. |
| Izizathu | Ngo-2009, iimviwo ze-*National Senior Certificate* (NSC) zabhalwa ngabafundi abayi-144 931 kumaziko okubhalela ayi-417. IPhondo leNtshona Koloni laqhubeka nokufumana eyona reyithi yokupasa iphezulu engu-75.1%. Kodwa yehla nge-3% xa kuthelekiswa nereyithi yokupasa engu-78.6% eyafunyanwa ngo-2008 kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.<br>Bebonke ngabaviwa abayi-19 210 ababhala iMathematika ngo-2009, yaza ngabaviwa abayi-13 349 ababhala iFizikhali Sayensi. Kwaba baviwa, bayi-12 467 abapasa iMathematika, bayi-7064 abapasa iFizikhali Sayensi. |
| Uqhagamshelwano | Ukuthathelwa ingqalelo kwale njongo kubandakanya ukunika ingqwalaselo ukufundisa nokufunda kuwo onke amabakala yaye kungabi kwiBakala 12 kuphela. Kuya kufundiswa izifundo ezinekhontenti kuze kunikwe inkxaso eyenzelwa ezikolweni. Okona kubaluleke gqitha ekuphuculeni iziphumo ze-NSC kukwazi ukulawula iincwadi zezifundo (*textbooks*), ukufundisa nexesha elisetyenziswa ekufundiseni. |

| | |
|---|---|
| Injongo ezicwangciswe ngobuchule 3 | Ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziphakamileyo eziqhuba kakubi *(under-performing high schools)* |
| Inkcazo yenjongo | Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo o.k.t. kungabikho zikolo zinereyithi yokupasa engu- <60%. |
| Izizathu | Liya linyuka qho inani lezikolo eziwela kweli hlelo apho lalingu-34 ngo-2004 de laya kutsho ku-85 ngo-2009. Le yimeko engenako ukuvunyelwa ukuba iqhubeke. |
| Uqhagamshelwano | Inkxaso inokunikwa ngootitshala abathathe umhlala-phantsi okanye ziingcali okanye ngootitshala abaziinkokeli (*expert or lead teachers*). Uqhagamshelwano olunabela nakwamanye amasebe (*transversal links*) luya kubandakanya ukunika inkxaso kumaphulo okulwa nosetyenziso gwenxa lweziyobisi kunye nezinye izinto ezidodobalisa ingqondo notywala. Iilayibrari namakhaya angenambane afuna ingqwalaselo. |

### 2.2.3 Ukuyelelisa iBhajethi kwiNjongo

Ibhajethi ijolise ekuqhubeleni phambili amanyathelo angqinelanayo nahlangeneyo ukunika inkxaso ukufikelela kwiinjongo ezidweliswe apha ngentla ezivakalisa inkcazo yesicwangciso seli sebe.

## ICandelo B: Izicwangciso zeeprogram neeprogram ezisekelayo

### 3. IProgram 1: Ulawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo lwamacandelo onke nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke *(National Education Policy Act)*, uMthetho woLawulo lwezeMali kaRhululemente *(Public Finance Management Act*) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo.

Ucazululo lweprogram esekelayo nganye:

*Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa (MEC)*
ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi kwi-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba soLawulo *(MEC)* lezeMfundo
*Iprogram esekelayo 1.2: Iinkonzo zeZiko*
ukulungiselela iinkonzo zolawulo ezingqamananga ngqo nezemfundo kwinkqubo yezemfundo
ukwenza amalungiselelo asikelwe imida nolondolozo lweemfuno zeendawo zokusebenzela
*Iprogram esekelayo 1.3: ULawulo lwezeMfundo*
ukulungiselela iinkonzo zolawulo lwezemfundo kwinkqubo yezemfundo
*Iprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi*
ukulungiselela uphuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abasezi-ofisini
*Iprogram esekelayo 1.5: Inkqubo ye-EMIS (Education Management Information System (EMIS))*
ukulungiselela ingcaciso yolawulo lwezemfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weNgcaciso yezeMfundo kaZwelonke (*National Education Information Policy)*

### 3.1 IiNjongo ezicwangciswe ngobuchule njengoko zikwi*WCED Strategic Plan 2010 – 2014*

| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1.1 | Ukuqinisekisa ulawulo lwezemali neenkonzo zolawulo lwabathengi nabathengisi |
|---|---|
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukunika inkxaso kulawulo lwezemali neenkonzo zeengcebiso ukuze iingxelo zemali zonyaka (*annual financial statements*) zicaciswe ngamaxwebhu anakuphicothwa nokuba zingqinelana nesikhokelo se-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke *(National Treasury guidelines).*<br>2. Ukwenza iinkonzo zolawulo lwabathengi nabathengisi ukwenzela ukuba kuncitshiswe uninzi lwezitenxo ngokumalunga nemigqalisela yezomthetho (*legislative prescripts)* (kubandakanywa ibhajethi/imimiselo yolawulo lweemfuneko kwiinkonzo nempahla ezithengwayo), zibe kumanqanaba ongqinelwano afanelekileyo *(compliance levels*). |
| Inkcazo eyandlalelayo | 1. Ingxelo yophicotho-ziincwadi engenamakhwiniba<br>2. 28 izitenxo kufikelelo |
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1.2 | Ukuqinisekisa ulawulo lophuhliso lwezakhono zabasebenzi lwangaphakathi ngokusingatha iimeko zenkonzo, ezengqesho nezobudlelwane emsebenzini. |
| Inkcazo yenjongo | 1. Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinootitshala abaqeshwe isigxina ngokukhupha izintlu zezithuba zengqesho ezintlanu ngonyaka nokuzaliswa kwezithuba zengqesho kwiinyanga ezintathu zokubhengezwa kwazo.<br>2. Ukuqinisekisa ukuba zonke iinqununu zinolwazi ngezithuba zengqesho ezabelwe zona kwaye ziyazilawula izitraktsha zezikolo zazo, iinkqubo zekhefu neenkqubo zobudlelwane emsebenzini. Zonke izikolo kufuneka zibe nenani lezithuba zengqesho ezabelwe zona kunyaka ngamnye phambi kokuphela kuka-Oktobha kwaye ziqinisekise ukuba zonke izithuba zengqesho ezingenamntu ziyabhaliswa kwiWCED ukulungiselela upapasho ngokwesikhokelo sikazwelonke nesephondo.<br>3. Ukuqiniseksia ukuba abasebenzi abanika inkxaso bafakwa ezikhundleni ngokwemimiselo nemigangatho kwaye banceda izikolo kwinkqubo yokuzalisa izithuba ngexesha –kwiinyanga ezintathu sibhengeziwe.<br>4. Ukuqinisekisa ukuba uvavanyo lwentsebenzo lwabo bonke abasebenzi beNkonzo kaRhulumente lugqitywa qho ngonyaka.<br>5. Ukuxhobisa bonke abaphathi ezikolweni ngolwazi lweenkqubo zezikhalazo nezoluleko nokubanceda ngokubanika inkxaso esemgangathweni onguwo ukwenzela ukuba babenako ukujongana nezi nkqubo. |

| | |
|---|---|
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1.2 | Ukuqinisekisa ulawulo lophuhliso lwezakhono zabasebenzi lwangaphakathi ngokusingatha iimeko zenkonzo, ezengqesho nezobudlelwane emsebenzini. |
| Inkcazo eyandlalelayo | Bonke abaqeshwa (ootitshala nabasebenzi benkonzo karhulumente) bafumana izibonelelo ngokungqinelana neMithetho efanelekileyo kwangalo nyanga yokuqalisa ukusebenza. Kuqikelelwa ukuba izikolo zinezithuba zengqesho ezizaliswe ngootitshala abaqeshwe isigxina. Izithuba zengqesho ziyabhengezwa kabini ngonyaka kuze kuqhutywe uvavanyo lwentsebenzo. Iikomiti zolawulo zezikolo zinako ukusingatha ukuziphatha gwenxa/intsebenzo engekho mgangathweni nezikhalazo ngobuchule obuziindidi ezahlukileyo. |
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1.3 | Ukuzinzisa (*consolidate)* isicwangciso solwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ukuphucula amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari nokolomeleza ukufezekiswa kweNkcazo yeKharityhulam kaZwelonke kumaBakala R–9 |
| Inkcazo yenjongo | 1.1 Inkxaso yootitshala ecwangcisekileyo nophuhliso lwekhontenti nenkqubo zokufundisa zoLwazi lokufunda nokuBhala noLwazi lokuBala ngemodeli yongenelelo ngoncedo yethuba elide, nesekelwe ezikolweni *(long-term, school-based intervention mode*l) kuzo zonke izikolo, neya kuqaliswa ngezigaba de kube ngu-2016<br>1.2 Ukubonelela ngezibonelelo ezincedisa ukufunda nokufundisa ukomeleza uLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala<br>1.3 Ukuseka iziko ledatha elineendidi ezibanzi zengcaciso ne-ajenda yophando<br>1.4 Ukubonelela ngeeProgram zosapho noluntu zolwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala<br>1.5.Ukuqinisekisa ukuba abaphathi banobuchule bokuphumeza iNCS ngempumelelo<br>1.6 Ukuphucula umgangatho weenkqubo zovavanyo eklasini<br>1.7 Ukuqinisekisa ukuphunyezwa kweMfundo eBandakanya bonke aBafundi kwikharityhulam<br>1.8 Ukuqinisekisa umgangatho weenkqubo zokufundisa, ukufunda nezeemvavanyo<br>1.9 Ukuphumeza inkqubo esebenzayo yokubeka esweni ukuphunyezwa kwekharityhulam nenkxaso<br>1.10 Ukunciphisa ireyithi yokuyeka kwabafundi isikolo bengagqibanga nokwanda kwereyithi yokugcinwa kwamanani abafundi (retention rate) ezikolweni ngempumelelo. |
| Inkcazo eyandlalelayo | 1.1 IsiCwangciso sephondo i*Literacy and Numeracy Strategy (2006*) siquka uphuhliso lootitshala, uphando, ukuthathelwa ingqalelo yophuhliso kolwimi lwasekhaya nolwimi lokufunda nokufundisa, ulwazi lokufunda nokubhala losapho nezibonelelo.<br>1.2 Iphulo longenelelo ngoncedo lethuba elide eliqhutywa kumaziko ngokwawo licwangciselwe ukususela ku-2008 ukuya ku-2016 Ngenxa yoku:<br>• Bonke aBacebisi ngezeKharityhulam nebaCebisi beCandelo loKunika iNkxaso bafumene uqeqesho kwiMathematika nakwiiLwimi.<br>• Izikolo eziyi-125 zikhethelwe iphulo longenelelo ngoncedo loLwazi lokuBala (*Numeracy*) neprogram egcinakalayo yoqeqesho nenkxaso kootitshala sele iqalile.<br>• Izikolo eziyi-125 zikhethelwe iphulo longenelelo ngoncedo loLwazi lokuFunda nokuBhala (*Literacy)* neprogram egcinakalayo yoqeqesho nenkxaso kootitshala sele iqalile.<br>1.3 Ngo-2009, bonke ootitshala bamaBakala 1–6 banikwa iishedyuli zomsebenzi nezikhokelo zootitshala kuLwazi lokuBala/kwiMathematika nakwiiLwimi, nto eya kuqinisekisa ukuqhutywa kwekharityhulam, ukumiselwa kwesantya sophunyezo lwayo nokubonelela ngezicwangciso sovavanyo neembono ngeenkqubo zokufundisa *(ideas for teaching*).<br>1.3.1 Iishedyuli zomsebenzi zamaBakala 7-9 sele ziqulunqiwe ukwenzela u-2010.<br>1.4 Ishedyuli zomsebenzi zeBakala R zabonelelwa ngo-2006 kwaza kwaqeqeshwa nabacebisi ngezekharityhulam.<br>1.4.1 Iishedyudi zomsebenzi zeBakala R ziqulunqiwe ukulungiselela ukuqaliswa kwazo ngo-2010 kunye noomasifundisane boqhelwaniso beeHODs namagosa.<br>1.5 Kwaphunyezwa iiprogram zoLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala lweentsapho ngabancedisi bootitshala kwizikolo eziyi-28 njengephulo elilingwayo. |

| | |
|---|---|
| INjongo eCwangciswe ngoBuchule 1.3 | Ukuzinzisa (consolidate) isicwangciso solwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala ukuphucula amanqanaba olwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kwizikolo eziziiprayimari nokolomeleza ukufezekiswa kweNkcazo yeKharityhulam kaZwelonke kumaBakala R–9 |
